

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa/English

| Edition 2 June 2016

## Investment inspires confidence

**THE R6.1 BILLION** investment by Toyota, one of the country's largest car manufacturers, will grow the local economy and create jobs.



President Jacob Zuma at the Toyota plant during the launch of the new Hilux and Fortuner models in Durban, KwaZulu-Natal.

### Thandeka Ngobese

**C**ar manufacturer Toyota has invested over R6 billion into South Africa by opening a plant to produce the new Hilux and Fortuner models in Durban, KwaZulu-Natal.

The production of the new models supports more than

4 000 jobs while total employment in the plant exceeds 8 000 jobs.

Speaking at the launch of the locally-produced Toyota models, President Jacob Zuma said the investment demonstrates confidence in South Africa's economy.

"This is a significant contribution towards dealing

with the serious challenge of unemployment in our country. This investment clearly demonstrates the confidence that global automotive producers continue to have in South Africa as an investment destination and the supportive policy environment which we offer."

The President said

government has taken a conscious decision to support the country's automotive sector.

"The support provided by government through the Department of Trade and Industry (dti) has attracted investments of over R25



**Electricity  
to benefit  
thousands**

Page 4



**Skills centre  
for the youth**

Page 5



@VukuzenzeleNews

Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)  
E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
Tel: (+27) 12 473 0179

**Free Copy**

# Umbane uza kunceda amawaka-waka

## Thandeka Ngobese

**N**jengenxalenye yeNkubo yoPhuhliso ngokuBanzini karhulumente iSebeloLawulo IweNtsebenziswano neMicimbiyezeMveli laKwaZulu-Natal liza kufakela umbane kumakhaya asemaphandleni ali-1 200.

abantu abamalunga

nama-10 000 baza kuxhama kweli phulo lixabisa izigidi ngezigidi zeerandi zokunika oomasipala base-maphandleni iinkonzo eisisiseko.

Enye indawo eza kufakela umbane kuse-Ndwedwe. Urhulumente waKwaZulu-Natal uqalise iprojekthi yokufakela umbane kulo mmandla eza kuxabisa imali ezizigidi ezili-19

zeerandi.

INKqubo yoPhuhliso IwamaPhandle ngokuBanzini ijongene nemiba efana nokuhleleka, ukunqo-nophala kokutya, intswe-la-ngqesho, intlupheko, kunye nezinye izinto ezingathandekiyo nezimbi entlalweni, esele zisoyanya-niswa nemeko yobomi kwimimandla yase-maphandleni. □

## Umbane utshintsha ubomi

### UZibuyisile Ngcobo

(oneminyaka engama-65) waseSonkombo eNdwedwe, KwaZulu-Natal, wayecinga ukuba akasoze afakelwe umbane.

“Bendinexhala lokuba ndiza kude ndilandulele eli phakade ndingekade ndifakelwe umbane ekhayenilam, kodwa urhulumente undincedile mna nosapho lwam kwaye ngoku sinakho ukuxhamla ubuncwane bobomi bale miha.

“Tintsuku zokuya kutheza ehlathini zigqithile namhlanje kwaye nabantwana bethu bayakwazi ukufunda behuselekile zizibane zombane,” utshilo.

Omnye naye ofakelwe umbane nguNontshise-kelo Bhengu (oneminy-

ka engama-45) othe babedla ngokubukela umabonakude kuphela xa betylele izizalwane kwimimandla eseziadolophini.

“Ngoku sibukela umabonakude emakhayeni ethu. Besidla ngokuhlawula

### “lntsuku zokuya kutheza ehlathini zigqithile namhlanje”

ama-R42 ukukhwela nje ukuya kugcwalisa iibhetri zeeselula zethu eVerulam. Ukuba nombane kwenze umahluko omkhulu kuthi. Siyambulela urhulumente ngokusifikela umbane,” utshilo.

Ethetha noluntu uMpha-

thiswa wePhondo (u-MEC) uNomusa Dube-Ncube wabongoza abemi ukuba bazizise ngaphambili iingxelo zokubiwa kombane abakurhanelayo okuthi kuchaphazele urhulumente ekufakeleni abanye abantu umbane.

“Njengoluntu ngoku ninoxanduva lokuqinisekisa ukuba umbane niwusebenzisa ngobulumko kunye nokuba akukho nabani otsala umbane ngokungekho mthethweni okanye ozama ukuwuba kuba imali eniyihlawulayo iqinisekisa ukuba u-Eskom uyaqhoba ngokuvelisa umbane,” utshilo u-MEC uDube-Ncube.

Ilungu lePalamente ye-Phondo, uSihle Zikalala,



UNontshisekelo Bhengu ufaka umbane kwibokisi yakhe yombane encediswa ngu-MEC woLawulo IweNtsebenziswano neMicimbi yezeMveli waKwaZulu-Natal, uNomusa Dube-Ncube.

ongowaseNdwedwe, ubulele iinkokeli zasekuhlaleni ngokuqinisekisa ukuba loommandla ufakelwe umba-

ne waze wakhumbuza uluntu ngeengozi zokutsala umbane ngokungekho mthethweni. □


## Tshwane gets tough on drugs

### Nonkululeko Mathebula

**T**he City of Tshwane is spending millions of rands fighting drug abuse after a continued influx of Mandrax, Nyaope and other drugs.

“We are aware that Tshwane has been labelled the drug capital of South Africa and this led to us allocating R50 million to tackle the problem in the 2015/16 financial year,” said Tshwane Executive Mayor Kgosiensuo Ramokgopa.

With the financial year drawing to a close, the R15 million of that sum not yet spent will be added onto other, yet-to-be-allocated funds to supplement



the city's existing initiatives to combat substance abuse. A percentage will go to rehabili-

tation centres and social welfare organisations.

Ramokgopa said that despite

the underspending, he is happy with what the city was able to achieve, adding that more funds will be injected into fighting drugs in the next financial year.

He said the money will assist in empowering ward-based drug action committees, which address drug problems and offer counselling and support for addicts.

So far, the city has established 48 local drug action committees in areas such as Soshanguve, Mabopane, Winterveldt, Ga-Rankuwa, Hammanskraal, Atteridgeville, Olievenhoutbosch, Cullinan and Mamelodi.

While the city has pledged to establish the equivalent of a narcotics unit within the Tshwane Metro Police, efforts to clamp

down on the manufacturing and distribution of drugs are ongoing.

“We have committed ourselves to conducting sporadic raids in drug distribution hotspots.”

The Executive Mayor also announced plans for an awareness campaign aimed at the youth called ‘Tswa Daar’, which means ‘stop it’.

According to Ramokgopa, the ultimate goal is not only to win the fight against drugs but to also have drug users completely rehabilitated.

“Although we are not catching the big fish, we are making arrests and are slowly making progress in this regard,” said Ramokgopa. □

# Iziko lezakhono lolutsha

**IZIKO ELITSHA** nelisandula ukuvulwa elinento yonke kulo liza kuxhobisa ulutsha woMbindi Karoo, phambi kokunatyiselwa kwisizwe ngokubanzi.



## Amukelani Chauke

**K**utshanje uMongameli Jacob Zuma uvule iziko elinento yonke eliza kunceda ukuxhobisa ulutsha ngezakhono kummandla woMbindi Karoo waseNtshona Koloni.

Ulutsha lwale ndawo lube yinxalenye yokwakhiwa kweli Ziko loLutsha laseBhobhofolo, eligqitywe kuTshazimpunzi kowama-2015. Izakhono oluzifundileyo azisayi kulahleka kuba kuza kusekwa ukopolotyeni ukuze aqhube nomsebenzi wokugcina eli ziko lolutsha lisemgangathweni kwaye lisebenza kakuhle.

Ethetha kumsitho wokulini-kezela ngokusesikweni, uMongameli uthe eli ziko ulini-kezela kubantu abatsha abanizni abazenza idini banikezelu ngobomi babo ukuqinisekisa ukuba isizukulwana sanamhlanje kune nezikulwana ezizayo zixhamla inkululeko kune nolawulo lwenda yesinini.



Kutshanje uMongameli Jacob Zuma uvule iziko elinento yonke eliza kunceda ukuxhobisa ulutsha ngezakhono kummandla woMbindi Karoo waseNtshona Koloni.

Oku kunikezelwa kuye kwafaneleka nangakumbi kuba kulo nyaka sibhiyoze-la isikhumbuzo seminyaka engama-40 soqhankqalazo lolutsha langowe-1976.

Ukwakhiwa kweli ziko kwaqala ngowama-2012, ngomsitho wokuphethu-lwa kwenoyi owawungoSuku lukaMandela lwala nyaka. UMphathiswa wezoPhuhliso IwamaPhandle noBuyekezo IweMihlaba uGugile Nkwinti wathi olu phuhliso luza kusebenza njengeprojekthi engu-

vulindlela kwaye ekugqibeleni luza kunatyiselwa kuwo onke amaphondo.

“...njengorhulumente, imingeni ejongene nolutsha, efa-na nokungaphangeli, yeyona isixhalabisayo.

“Nangona iimeko zabantu abatsha ziphucuka elizweni, ingxelo yoPhando ngeeMeko zoLutsha ichaza ukuba abantu abatsha, ingakumbi abantsu-nu, ngabona basajongene nemingeni emininzi ngokuphathelele nokufumana imisebenzi, xa bethelekiswa na-

bantu abatsha abamhlophe,” utshilo uMongameli Zuma.

Izixhobo ezikhoy o kweli ziko ziukwa iziko elincinci lezakhono elinezixhobo zonke eliphantsi kweKholeji yaseNtshona Kapa neliza kubonelela abo bathatha inxaxheba kwiButho leSizwe leeNkonzo zoLutsha lwaseMaphandleni (i-NARYSEC) bangama-200 ngo-nyaka ngoqequeso kulawulo lwamashishini, kwizakhono zokusebenzia iikhompyutha kune nophuhliso lwabantwana abasakhulayo.

Kukho nendawo yemidlalo yeqonga kune neholo yoluntu elungiswe yantsha neza kusetyenziswa luluntu ngokubanzi.

UMongameli Zuma uthe iziko leekhompyutha elikweli ziko liza kunceda amalungu oluntu ukuba akwazi ukusebenzia simahla i-intanethi ekhawulezayo kune nobunye ubuchwepheshe bolwazi obuza kuncedisa ukuba babe yinxa-lenye

yabanye abasebenzia obu buchwepheshe kwihiabathi jikelele.

Eli ziko linayo nendawo yezemidlalo nokuzonwabisa ekumgangatho wehlabathi neza kunika abantu ithuba lokuthatha inxaxheba kwiintloblo ezahlukileyo zezemidlalo kwaye lincede ukuguqula iintloblo zezemidlalo eziliqela.

Idama elisisiqingatha selo lezemidlalo ye-Olimpiki liza kusetyenziswa ngamaqela eendadi kune neminye imidlalo yokhuphiswano leenda-di, lo gama indawo yokwenza imithambo nokushukumisa umzimba (ijimu) ifakelwe izixhobo ezikumgangatho wezo zeenkampani zabucala. Ezi zixhobo zinikelwe ngokububele ngabakwa Virgin Active Group.

“Le jim ibonisa ukuba kunge-nziwa ntoni xa urhulumente kune namashishini abucala benokusebenzisana ukuphuhlisa imimandla ehlupheka-yo,” utshilo uMongameli Zuma. □

## Operation Phakisa training benefits KZN artisans

### Thandeka Ngobese

**T**ransnet has announced that it will spend R7.7 billion on training as it drives to meet capacity requirements in line with its Market Demand Strategy (MDS). As part of this initiative, the Transnet National Ports Authority (TNPA) has selected 18 candidates from the South Durban Basin for Operation Phakisa technical training.

The training forms part of Transnet's MDS to train artisans for shipbuilding and repair industry and is in line with the Operation Phakisa, which aims to unlock the potential of the oceans economy.

TNPA's Port of Durban has adopted 15 schools in the South Durban Basin and has various programmes in place aimed at developing mission critical skills within its communities from the ground up.

The Operation Phakisa technical training programme consists of two, three-year courses – Millwright and Coded Weld-

ing – run by the Transnet School of Engineering and a course on spray painting that will take place later during the year.

Being a part of TNPA's Operation Phakisa technical training course for Vuyani Chiya (23) is more than an opportunity to further his education, it is the means through which he hopes to change both his life and that of his mother.

Chiya who has been living in the South Durban Basin while he studies towards his N4 and N5 certificate at Umlazi Computech, is now working towards qualifying as a millwright.

“To be selected for this course, is a dream come true. I will study hard to fulfil my dream. We thank Transnet for those of us who come from disadvantage backgrounds,” he said.

Capacity-building Manager for the KZN region at the Transnet School of Engineering Thandukwazi Magcaba said the skills training programme was a great opportunity, not only for the students but also



Students participating in the three-year Millwright course being run by the Transnet School of Engineering as part of Transnet National Ports Authority's Operation Phakisa technical training.

for the country.

“Programmes such as these are incredibly important. I would say any country without properly trained artisans is lagging behind because, in some sectors, we do not have our own artisans and these individuals are imported. However, with programmes such as this in place, we can cut down on the amount of imports, har-

ness job creation and move our unique projects forward.”

Each course is made up of three phases. In the first, the apprentices are taught basic tooling; in the second, they familiarise themselves with the equipment they will be working with/on; and in the final phase, the students work practically and are tested accordingly.

The success of the training programmes offered by the school, said Magcaba, is indicated by the increase in entrant numbers each year.

“When I first started here five years ago, we had 290 students. Now we have 539 – nearly double that number. It is very rewarding to know that we are helping to bring about positive change.” □

# Ulutsha loMzantsi Afrika ludinga ithuba lokwenza 'igalelo'



UKhathu Ramukumba, iGosa eliyiNtloko yesiGqeba uthetha nolutsha ngelutha lephulo lokufundisa ngeenkqubo ze-NYDA.

## Khathu Ramukumba

**N**gomhla we-16 kweyeSilmela siza kukhumbula iminyaka engama-40 yoqhankqalazo lolutsha lonyaka we-1976 kanye nokuzenza idini kweso sizukulwana ukwakha ilizwe elilawulwa ngokwentando yesinzi.

Kuninzi kakhulu esikuzu-zileyo ukususela ngowe-1994 kodwa ulutsha loMzantsi Afrika-lusachatshazelwayimibaeminenzi ephelisa ithembu efana nentlupheko, ukungalingani kanye nentswela-nqgesho.

Kusekuninzi ekufuneka kwensiwe ukuxhasa isidima nophuhliso lolutsha.

## I-Arhente yeSizwe yo-Phuhliso loLutsha (i-NYDA)

I-Arhente yeSizwe yoPhuhliso loLutsha (i-NYDA) yasekwa njengequmru elinye likarhulumente ukuba lijongan kwaye lishukuxi imiba yophuhliso lolutsha kwizwelone, emaphondweni kanye nakoomasipala.

I-NYDA idlala indima ephambili ekuqinisekiseni ukuba abachaphazelekayo abafana norhulumente, amashishini abucala kanye noluntu, balwenza umba ophambili upphuliso lolutsha kwaye banagalelo ekuchongeni nasekuqaliseni ukusebenzia izisombululo

kwimingeni ejongene nophuhliso lolutsha.

NgoTshazimpunzi wama-2013, abezoshishino, urhulumente, imibutho yabasebenzi, uluntu kanye nemibutho engekho phantsi korhulumente batyikitya isiVumelwano so-Phuhliso loLutsha sokuphucula amaphulo okuxhotyiswa kanye nokukhaneliswa kolutsha imisebenzi.

"Injongo zesiVumelwano so-Phuhliso loLutsha zihambelana neenzame eziliqela zikarhulumente zokuxhasa inguqu kwezoqosho. Injongo kukwenza uqoqosho luziqwalasele iimfuno zengqesho yolutsha kanye nokudala imisebenzi yolutsha ezizigidi ezhlanu ngowama-2020."

## Injongo isekwaku-kwenza uqoqosho luziqwalasele iimfuno zengqesho yolutsha kanye nokudala imisebenzi yolutsha ezizigidi ezhlanu ngowama-2020."

Inkxaso karhulumente ye-NYDA isaqhubeka. IQela lika-Mongameli elijongene neMiba yoLutsha, elikhokelwa nguSe-kela-Mphathiswa kwi-Ofisi ka-Mongameli, uButi Manamela, ligxinisa kwimiba yolutsha

ukuphucula indlela abasebenziana ngayo abo bachaphazelekayo kanye nemibutho yolutsha.

Okunye okubalulekileyo abakuphumezileyo kukuguqulwa koMgaqo-nkqubo weSizwe wo-Lutsha (wowama-2009-2014) k u n y e n o k w a m k e l w a koMgaqo-nkqubo weSizwe wo-Lutsha (wowama-2015-2020). Lo mgaqo-nkqubo uqwelasela ugininise kumba wokuthatha inxaxheba kolutsha kwezoqosho, kwiinguqu, kwezemundo, kupuhliso lwezakhono, kwezempiro kanye nokulwa ukusetyenziswa gwenxa kwezi-yobisi, ukwakha isizwe kanye nokuhalisana ngomanyano.

## Okuphunyeziweyo

I-NYDA iguqule ikhasi ngokugxinisa ekukhonzeni ulutsha ngendlela engcono. Kutshanje i-NYDA ifumene ingxelo yophicotho-zincwadi yokuqala enge-nachaphaza ukususela oko yasekwayo kwaye ibhengezwe njenge-arthente eyithobelayo imithetho yophicotho-zincwadi.

Ukuze ibe yi-arthente yophuhliso abantu abakholelwayo kuyonesebenzayo, i-NYDAitshintshe umsebenzi wayo wasuka ekubeni yi-arthente enikezela imali yokuqalisa ishishini koko yaba yephuhlisa ezemfundo nezakhono. Olona tshintsho yaba kukusuka ekuboneleleni ngemali-mboleko yaba kuku-

## Kunyakamali wama-2014/15, i-NYDA iphumeze oku kulandelayo:

- amashishini olutsha afumane isiBonelelo seNkxaso-mali se-NYDA ali-1 034 aze adala imisebenzi engama-4 343.



- oosomashishini abasakhulayo abaxhaswe ngeenkonzo zeNkxaso yoPhuhliso IwamaShishini ye-NYDA bangama-62 916..



- abantu abatsha ababhaliswe kwiNkqubo ye-NYDA yokufumana iThuba lesiBini lokuBhala iBanga leMatriki bangama-5 319.



- abantu abatsha abaxhaswe ngeNgxowa-mali yokuFunda iSolomon Mahlangu bangama-300.



- abantu abatsha abafumene inkxaso, eyomntu ngamnye kanye neyamaqela, ngokuthi banikwe iingcebiso ngamakhondo nemisebenzi bangama- 937 949.



- abantu abatsha abathathe inxaxheba kwinkqubo ehleliwego i-Youth Build bangama-2 342.



- abantu abatsha ababhalise kwiinkqubo zamavolontiya eeNkonzooLutsha zeSizwe (i-NYS) bangama-12 490.



- abantu abatsha abaxhaswe ngeenkqubo zokulungiselelwu umsebenzi kanye nezakhono zobomi bangama-57 412



nikezela ngezibonelelo-mali koosomashishini abasakhaso.

Amanani abalisa ibali loku-ziswa kweenkonzo ngendlela ephucukileyo. Kodwa ke, iimfuno zolutsha zininzi kanganokuba azinakuthwalwa yi-NYDA yodwa. Kufuneka intsebenziswano yawo onke amacandelo kwisizwe.

Kubalulekile ukulondoloza izakhono zolutsha zize ziset-yenziselwe ukukhulisa noku-phuhlisa ilizwe lethu. Sesiqalile ukubhala ibali elahlukileyo:

ibali lethembala, lokuzimisela, lokuba negalelo elihle kanye nempumelelo. Okona kubalulekileyo nokungundoqo kwe-li bali lulutsha oluzimiseleyo kanye noluxhotyisiwyo.

Ulutsha lweli lizwe luthe alufuni 'malizo' koko lufuna ukuncediswa nokuxhaswa. Luncede ukuze luzalisekise amaphupha alo. **V**

**\*UKhathu Ramukumba, iGosa eliyiNtloko yesiGqeba (i-CEO) ye-NYDA.**